



Inombolo yefayili: 26/1/P
Isalathiso: 20230928-8379

ISetyhula: 0012/2024
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNqununu nakooSihlalo bamabhunga olawulo ezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo kunye neehostele (kungabandakanywanga iikholeji zemfundo)

Isishwankathelo esifutshane: *Ukunyuka kwezixa-mali ezihlawulelwa ukubhoda kwiihostele nakwiindawo zabucala, ezothutho lwabucala kunye neenkxaso-mali zabasebenzi.*

Isihloko: Ukunyuka kwezixa-mali ezihlawulelwa ukubhoda kwiihostele nakwiindawo zabucala, ezothutho lwabucala kunye neenkxaso-mali zabasebenzi

1. linkxaso-mali zokubhoda ehostele nakwiindawo zabucala nezothutho zabucala

1.1 Kuvunyiwe ukunyuswa kwezi nkxaso-mali zilandelayo ukususela **ngowe-01 Apreli 2024:**

1.1.1 linkxaso-mali zokubhoda ehostele

linkxaso-mali zokubhoda ezizezona zisisixa esiphezulu esihlawulwa kubafundi abasweleyo ababhaliswe kwiihostele enxulumene nezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo zinyukile ukususela kwi-R 11 244,00 ukuya kwi-R14 000,00 ngomfundi ngamnye, qho ngonyaka.

1.1.2 linkxaso-mali zokubhoda kwindawo zabucala nezothutho lwabucala

linkxaso-mali zokubhoda kwindawo zabucala kunye neenkxaso-mali zothutho ezizezona ziphezulu ezihlawulwa kubafundi abasweleyo kwizithili zemfundo i-West Coast, i-Cape Winelands, e-Eden and Central Karoo ne-Overberg, zinyukile ukususela kwi-R5 600,00 ukuya kwi-R5 860,00 ngomfundi ngamnye, qho ngonyaka.

1.2 Kucelwa niqaphele ukuba ezi nkxaso-mali zingentla zibalwe ngokungqinelana novavanyo lobungakanani beentswelo oluvunyiweyo (makujongwe iNgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loCwangciso noKuphathwa kwamaZiko; 0001/2018, yowe-09 Matshi 2018) neekhrayitheriya ezibhalwe kwiSetyhula 0143/1998, yowe-06 Novemba 1998, nakwiSetyhula 0029/2001, yowe-13 Matshi 2001.

2. **linkxaso-mali zabasebenzi**

2.1 Kuvunyiwe kwakhona ukunyuswa kweenkxaso-mali zabasebenzi ezilandelayo ukususela ngowe-**01 Apreli 2024**:

2.1.1 Inkxaso-mali yabasebenzi ehlawulwa kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezinenani lobhaliso labafundi abambalwa kunabafundi abayi-201 kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo, ukulungiselela ukunceda ekuqeshweni kwabasebenzi bezolawulo kunye nabasebenzi jikelele, inyusiwe ukususela kwi-R 740,00 kuya kwi-R1000,00 ngomfundi ngamnye, qho ngonyaka. Kuya kuhlululwa ubuncinane obuyi-R50 000,00 ngesikolo ngasinye qho ngonyaka.

2.1.2 Inkxaso-mali yabasebenzi ehlawulwa kwiihostele zikarhulumente eziqhelekileyo ezinabafundi abahlala ehotele abambalwa kunabayi-50, ukulungiselela ukuqeshwa kwabasebenzi bezolawulo, inyusiwe ukususela kwi-R 11 244,00 ukuya kwi-R14 000,00 ngomfundi ngamnye, qho ngonyaka.

2.2 Kucelwa kuqatshelwe ukuba iinkxaso-mali zabasebenzi zibalwe ngokweekhrayitheriya ezibhalwe kwiSetyhula 0117/2000, yowe-03 Septemba 2000, neSetyhula 0025/2011, yomhla we-11 Oktobha 2011.

2.3 Inani labafundi elisetyenzisiweyo ukubala inkxaso-mali yabasebenzi ehlawulwa ngoomatshini linjengokuba linjalo ngokwamanani abafundi eSaveyi eQuphayo (*Snap Survey*) kumaBakala 1 ukuya kwele-12, kuqukwa naBafundi beMfundo eneeMfundo eziZodwa bonyaka wesikolo ochaphazelekayo.

2.4 Ukuba kuqinisekisiwe ukuba isikolo sinabasebenzi benkonzo karhulumente abangaphezulu kwemfuneko, inkxaso-mali yabasebenzi ayisayi kuhlululwa kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezinenani lobhaliso labafundi abayi-200 okanye abambalwa, okanye kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezinenani lobhaliso labafundi abahlala ehotele abayi-50 okanye abambalwa.

3. Iimali ziya kuhlululwa kuphela esikolweni ukuba i-ofisi yesithili isingqina isikolo eso njengesifanelekileyo ngokweemeko zezemali ngokusekelwe kwimisebenzi yezemali yeekota ezidlulileyo. Ngaphezulu, ukuba isikolo asingqinwanga njengesifanelekileyo ngokweemeko zezemali phambi okanye ngomhla wokuphela konyaka-mali, isikolo singaphulukana nenkxaso yemali ehlawulwa ngoomatshini.

4. **linkcukacha zoqhagamshelwano ukulungiselela imibuzo**

Ukubhoda ehostele nokwiindawo zabucala kunye nezothutho lwabucala	Subsidies.Wced@westerncape.gov.za
---	--

5. Kukhuthazwa izikolo/iihostele ukuba zingenise nayiphi na imibuzo, ngencwadi ebhaliweyo kwezi nkcukacha zoqhagamshelwano zichaphazelekayo zingentla ukuba abafumaneki efonini.
6. Kucelwa nazise okuqulethwe yile setyhula kubo bonke abasebenzi abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-L ELY

INTLOKO EBAMBELEYO: YESEBE LEMFUNDO

UMHLA: 2024-04-05